

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal

STUDY

You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



SA EXAM
PAPERS



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-9.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(40)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(20)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama ngundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci kwiCANDELO A, imizuzu engama-30 kwiCANDELO B nemizuzu engama-30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.


UMBUZO 1

- 1.1 Ndiyamthanda ummelwane wam. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngezinto ezibangela ukuba umthande ummelwane wakho. [40]
- 1.2 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



- 1.3 Bhala isincoko uthethe ngotyelelo kwindawo obusandul' ukuya kuyo. Balisa okanye uchaze ukuba kutheni ungasoze ululibale olu tyelelo lwakho. [40]

1.4 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

1.5 Oobhaza-bhaza beevenkile (imall) endiyithanda kakhulu. Bhala isincoko uchaze ngale senta yeevenkile uyithandayo.

[40]

1.6 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

1.7 Umtshato endingasoze ndiwulibale. Balisa okanye uchaze ngako konke okwenzeke kulo mtshato nokwenza ukuba ungakwazi ukuwulibala.

[40]

1.8 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 2**2.1 INGXOXO**


Kusasa ngoMvulo uncokola nomhlobo wakho ngako konke ebenikwenza kwimpelaveki edlulileyo. Bhala le ngxoxo phakathi kwakho nomhlobo wakho.

**[20]****2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta umxelele ngamacebo akho (ngezinto ocinga ukuzenza) kulo nyaka uzayo.


[20]**2.3 ILETA ESEMTHETHWENI**

Kule veki iphelileyo abazali bakho bakuthengele ikhompyutha entsha kwivenkile yeekhompyutha. Ngoku le khompyutha ayisebenzi kwaye kukho ingxaki ngeplagi, imouse, ikeyboard nesikrini. Bhalela umanejala wale venkile ileta ukhalaze ngale ngxaki.

**[20]**

2.4 IRIVYU

Phezolo ububukele ifilimu emnandi ebhayaskophu. Bhala irivyu ngale filimu uthethe ngabadlali, indawo, ibali (umxholo), izinto ozifundileyo nozithandileyo kule filimu.


**[20]****AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 3**3.1 IPOSIKHADI**

Wena utyelele umhlobo wakho ohlala kwenye idolophu yoMzantsi Afrika. Bhalela abazali bakho iposikhadi ubachazele ngotyelelo lwakho.

**[20]****3.2 IPOWUSTA**

Iklabhu (umbutho) yesiXhosa kwisikolo sakho iza kuba nekonsathi. Yila uze ubhale ipowusta yale konsathi uthethe ngezinto eziza kwenziwa njengomculo, umdaniso, ukubonga, ukutya, njalo njalo.

[20]

3.3 IRESIPHI

Umhlobo wakho ucela umnike iresiphi yokutya okanye yento ephungwayo. Bhala le resiphi uyinike umhlobo wakho uthethe nangezinto ekufuneka azisebenzise xa epheka oku kutya okanye esenza into ephungwayo.

IPASTA; UMNGQUSHO; UMBHAKO; ISIDUDU; UMFINO;
IPIZZA; ISONKA SAMANZI; ICHAKALAKA;
INYAMA YENKUKHU; AMAGWINYA; ITI; IKOFU;
IHOT CHOCOLATE; IMILO

**[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80